## Abahlobo Babantsundu,

*BESIWA BEVUKA NABANTSUNDU*

1. KUQALA:-

O HADNOTT & CO (Magqadaza)

EYONA VENKILE INDALA E KOMANI YA BANTSUNDU, babenzela amalungelo anelisayo ngelixesha lobunzima, bonke abanezikweliti kubo ukuza ku June, 1890, ngokuti bavume ukutabata nokuba li 10s. endaweni yeponti, bangabizi nzala, kuzo zonke izikweliti zabamnyama ezihlaulwe ngapambi ko December ozayo, baze bamnike umntu ilasiti ene-stamp ngokufezekileyo.

2. KANJAQO:-

O HADNOTT and CO. (Magqadaza) batengisa koze nemali, ngamaxabiso ahliswe nangokugqite abekuko, waye otenge kubo ngemali esaneliswa kangangokuba enze impinda yokuya kutenga kubo futifuti; ngalendlela zindimbane ezitenga kubo betsalwa luhlobo abatengisa ngalo ezitoreni zabo apo abantsundu bafumana okwanelisayo ngempali yabo.

Apo nine Ledi, u Notyebisa, ukunitengela estoreni, ne " Mvo ' niyileselwe ngapandle kwexabiso. HADNOTT & Co. (Magqadaza).

*ISITORA SOMZI ONTSUNDU,*

QUEENSTOWN.



## UNYAMEKO KWA BAMNYAMA

UKUTETELA Amatyala, Imicimbi Yemihlaba, Ukubhala Iminqopiso lwenziwa ngo

HOWARD & WEBB,

Emva kwe Zitola zo BAKER, BAKER & CO,


## ABATSHATILEYO

MSUTWANA.SOBIKWA.—E Somerset East, ngo 23 December, 1890, kutshatiswe u ALEXANDER MSUTWANA, unyana omkulu ka Mr. Samuel Msutwana wase Healdtown no ELIZA SOBIKWA intombi enci yomfi u Mr. Booi Sobikwa.

3it52

## ABABHUBHILEYO


SONGO MHLEBI.—-Kubhubhe ku Bengu ngomhla we 10 January, 1891, u SONGO MHLEBI. Zemko izihlobo mazamkele lombiko. 3it52

PETER.—Izihlobo mazamkele lombiko Kubhubhe u JONATHAN PETEK ngo 3 January, 1891, obeyititshala yalapa e Beaconsfield. Ubhubhele e Nkosini.

Umzi uyalila kakulu ngalomfo ka Peter kuba uthiye usizi. Ubequba imisebenzi emibini—ukutitsha nokuhambisa umsebenzi we Nkosi. Ko siyatemba ukuba akuko bani Ungaxela ituba ngalomzalwana wetu usishiyileyo, kuba yindoda ka Tixo kwapela. Bonke abamaziyo baya kuba lusizi ngaye. Ke ndicela uxolo ukuba singatumelanga kwase ntloko, kungenxa yodano, nosizi. Ke ibiyindodana yehlelo lase Tshatshi. Siyapela apo ngosizi. Akagulanga, ugule intsuku ezisitoba kupela. Igosa apa, u J. Duka, ulila akatutuzeleki. Ke nakuba silila kumnandi kuba umkele c Nkosini, unetamsanqa onjalo. Uxolo Mhleli ndibetwa lusizi.

FRAUS.—Ndiyazisa izihlobo zam ukuba ndishiywe. yinkosikazi yam u SARI FRAUS. Umkele eluxolweni olukulu.

SAMUEL FRAUS.



## Kubatabati be "Mvo."

QONDANI:

IXABISO elirolelwa IMVO nge Kwata yi 3s. 6d.,—ilike ingekapeli lokwata irolelwa yora; xa ifike seyipelile 4s. Siyababongoza abahlobo betu ukuba bazamele ukuhlaula singekapeli inyanga ezintatu.

J. TENGO.JABAVU.

## Kufunwa Kwangoku.

ITITSHALA enokubambica nobu Vangeli; Kufuneka amapepa esimilo ; ubudala-. abalule ixesha elilungu lo Ramente nelobushumayeli.

GEO. E. BUTT.

Aliwal North. 2122191


## QUEENSTOWN ADVERTISEMENTS.

PEACOCK BROS. NO WEIR

E-KOMANI

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uyekuva into abayi kupayo pambi kobuba utengiso nokuba kupina.

Ihabile, Ezinkozo, Inqholowa, Irasi, Imbotyi, I.ertyis, Umbona, Amazimba, bahlele benawo qt31090



A Wonderful Medicine

BEECHAMS PILLS

For Bilious and Nervous Disorders, such as Wind and Pain in the stomach, Sick Headache, Giddiness, Fulness, and Swelling after meals, Dizziness and Drowsiness, Cold Chills, Flushings of Heat, Loss of Appetite, Shortness of Breath, Costiveness, Blotches on the Skin, Disturbed Sleep, Frightful Dreams, and all Nervous and Trembling Sensations, &c. THE FIRST DOSE WILL GIVE RELIEF IN TWENTY MINUTES. This is no fiction. Every sufferer is earnestly invited to try one Box of these Pills, and they will be acknowledged to be " WORTH A GUINEA A BOX."

BEECHAM'S PILLS, taken as directed, will quickly restore females to complete health. They promptly remove any obstruction or irregularity of the system. For a

Weak Stomach; Impaired Digestion Disordored Liver;

they act like magic;—a few doses will work wonders, upon the Vital Organs, Strengthening the ??? System; restoring the for long-lasting Complexion: bringing back the keen edge of appetite, and arousing with the ROSEBUD or HEALTH the WHOLE PHYSICAL ENERGY of the human frame. For throwing off fevers in hot climates they are specially renowned. These are facts admitted by thousands in all classes of society and one of the best guaranteed to the nervous and Dabilitated is that Beecham's Pills have the Barged Sale *of any Patent Medicine in the world* Full directions with each box.

Prepared only by THOMAS BEECMAM, St. Helens Lancushire, England.

SOLD BX ALL DRUGGISTS IN THE COLONIES.



KWA

KATA

Kutengiswa Tshipu:

OGXAWU

ABA 2,000

Kuqalela kwabancinane (1 gallon),

Kuse Kwabakulu (50 gallons).

Inkoliso inendawandawana, ngoko zitengiswa NGEHALAFU YEXABISO LAZO, (zitshipu).

*YIZA KUBONA*

W. O. CARTER & CO.

Kingwilliamstown.



IYEZA LAMAHASHE

CHAS. M. BONIFACE

SMITH STREET,

KINGWILLIAMSTOWN.

Uneyeza ekungenzekiyo ukuba lingalipilisi Ihashe eline Mibungu Nezilo. Unokutumela ngebhotile kotumele imali ngepe- pa le Fosi, nengxelo yohlobo lokusetyenziswa.

Amafama awaka amtumela umbulelo ngeliyeza ngo Messrs. T. P. Phillips, R. W. Currin, T. Christensen, A. Dudgeon, A. Christensen, E Walsh, T. P. Edwards, na. manye. QONDA—Eliyeza lizibhotile ezi 2, imigqaliselo icazwe kumapepa ancanyatiselwe ngapandle. Ixabiso zi 6/-, nge Posi 8/.



OLUKA

Gowie Uluhlu lwezityalo

Luka FEBRUARY.

I FLOWER BULBS.

*Nge zase Busika nezokuqala kwe Ntlako hlaza Intyatyambo,*

I Ranunculus, Ixias, Anemones, Lachenalias, Babianas, Narcissus, Freesias, Sparaxis, Hyacinths, Daffodils, Snowdrops, &c. *(Ngentlobontlobo, Amanani, njalo njalo, kangela kwi Catalogue ka Gowie ye Ntlakohlaza yo* 1890, *amapepa :* 73 *kuse ku 16)*

HLWAYELA i Kapetshu, Broccoli, Sivoy, Cauliflower, Imifuno Itswele, Imigushe, Lettuce, Beet, Spinach, Radish, Turnip, &c.

TYALA ITAPILE

HLWAYELA i Dianthus, Carnation, Pansy, Clarkia, Candytuft, Stock, Daisy, Godetia, Columbine, Sweet Peas, Larkspur, Kennedya, Pentstemon, Verbena, Salpiglossis, Lupins, Hollyhock, Snapdragon, Eechecboltzin, nezinye intyatyambo ezilukuni.

W. & C. GOWIE,

GRAHAM'S TOWN.



Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxazo, 1/6 ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lokukohlola (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe; 9d. ibotile.

Elika

COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

Ezika

COOK Ipils. 1*1* ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

Oka

COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Oka

Umciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

uba ngawenkohliso angenalo igama lake



ELIKA

ORSMOND

IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yongcambu zomiti yeli lizwe.

UMPILISI WEZILWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi,nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izifo eziso Lufaleni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwesisu, Izifo eziso Mbilini, Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka bengqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelwa zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendlela elisetyenziwa ngazo zibhaliwe ngesi Ngesi, Jelimeni si Bhulu nesi Xhosa

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele enamava amaninzi umninilo, uliyaleza ngengqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inkoliso yezifo zabantsundu base Afrika, kwanale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesisifj sabantu abamnyama liyi nqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zisheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsuku eziliahumi. Ibhotile nganye ihamba nencwadi eno uteto yesi Xhosa

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G.E COOK

KING WILLIAM'S TOWN,

Liyazuzwa kwinkoliso yaba geini mayeza kuyo yonke Ikoloni, '


## WANTED,

A CERTIFICATED TEACHER for an Independent Native School. Salary, grant £30, school fees, together with house and lands. Applicants must be members of some Christian Church, and enclose testimonials as to ability and character, to Rev.

T. G. JONES, Hackney, Queens Town.

# IZAZISO KWA ZABANTSUNDU

## ZEKOMKULU LASE KAPA.

*ZISHICILELWA NGE GUNYA.*

NGOLWESI-NE, FEBRUARY 12, 1891

## ISISHUMAYELO

NGU MHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH.

Ntshinga ye Knight Grand Cross, yodidi olubaluleke kunene lo St. Michael no St. George, Owamatshawo adume kunene e Bath, u Ruluneli no Mpati Oyintloko we Koloni yo Mntan' Omhle yase Cape of Good Hope, a South Africa, namazwana nezibhaxa zayo, ne Sandla so Mntan' Omhle, njalo-njalo.

EKUBENI ngo Mteto we 4 womnyaka we 1890, ekutiwa ngu Mteto wo Bhalo, Nokubutwa kwe ngxelo ngonyaka we 1891," kumisehve ukuba kwenziwe ingxelo, ngendlela emiselwe apo, yamanani abantu, nentlobo-ntlobo zempahla eshukumayo, kwanokuhlanganiswa kwamanani ezilimo, emfundo, emisebenzi yezandla, nezinye izinto kwi Koloni yase Kapa, kuqukwa na Mazwe ahlonyelwe kwakulo Koloni, ngomhla otile kwinyanga engu APRIL, 1891, ongamiswa yi Ruluneli. Kekaloku ke mna, Ruluneli, ndiyashumayela, ndiyazisa, kanjalo ndityila okokuba ndimise, ndimisa nangokoku, ukuba i cawa umhla Wesihlanu ku APRIL, 1891, ngumhla oluyakwenziwa ngalo olo Bhalo.

Ndibayalela bonke abantu bo Mntan' omhle, abakule Koloni kwanezi Bhaxa sayo ukuba babe ngabancedisi ku Mpati wo Bhalo, kuba Kangeli, kuba Bhali kwanamanyc amagosa apatiswc u Bhalo olo.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA!

Sinikwe ngesandla sum nesincamatiselo se Koloni yo Cape of Good Hope, ngomhla wo 13th January, 1891.

HENRY LOCH, Iruluneli.

Ngomyalelo wo Mhlekazi e Bhungeni.

No. 25, 1891. J. W. SAUER, UMpati-Koloni.

## ISAZISO SIKA RULUMENTE.—NO. 48, 1691.

*Kwi Office yo Mpati-Koloni, e Kapa, 13th January,* 1891.

Ngamandla namagunya awatwese nge Siqendu sesixenxe so Mteto wo Bhalo, 1890' Umhlekazi i Ruluneli, ngecebq le Bhunga Elipeteyo, walatisa ukuba kuzo zonke izixeko, idolopu, nemizana e Koloni apo kuko Amagqugula apeteyo, umkangeli wo Bhalo uya kuvelela indawo yokuba kushiywe amapepa o Bhalo, kwanezalatiso ezingcinva kwalomapepa ngosuku olurgapambili kolwe 5th April, 1891 kuzo zonke izindlu ezikulondawo awobona zifanele.

Abakangeli bo Bhalo baya gunyaziewa ukuba njengokubona kwabo benze ukuba amapepa o Bhalo olu ashiywe nokuba kukuzipina izindlu pakati kweziqingata Zobhalo olo.

Xa ke amapepa lawo ate ashiywa endlwini, kuyimfanelo yomgicindlu, okanye umgcini wayo, ukulibhala okanye enze ukuba libhalwe ngokazeleyo, ngokuyinene, nangokulungileyo ngangoko azi ngako, okunye axelelwayo, okunye akoliweyo, lomapepa abe eshiywe kulondlu, abhale igama lake, aze awatumele, mhlaumbi awacikele ekubizweni kwawo, egqityiwe ngendlela-ndlelana zonke, ku Mbhali owabizayo.

Umbhali wofika ngo Mvulo, 6th April, 1891, mhlaumbi kwakamsinya emva koko, awabize amapepa abeshiywe ezindlwini, awoti ekuwamkeleni kwake awaqwalasele, azanelise ukuba abhalwe ngendlela na, awoti ukuba ufumana ukuba akenjiwanganjalo awazalise ngengxelo anokuyifumana.

Apo sukuba umbhali engawashiyanga amapepa o Balo, umbali wowabhala ngokwake, ileyo indlu eyibhala kwipepa layo elilodwa.

Ngendlu kutetwa isakiwo, umqubi, inqwelo, iuqwelana yamahashe, nayipina indawo apo kulala umntu, nasipina isikepe, nenqanawa engaba semazibukweni e Koloni yase Kapa.

Yimfanelo yomnini ndlu nomntu oyipeteyo ukupendulu kamsinyane, ngokuzeleyo, nangokulungeleleneyo yonke imibuzo engabuzwa ngumbali.

Umnini-ndlu, nomntu ongaba uselo nayo oko wamangala, okanye ota akakatalela ukuzalisa, umhlaumbi ukubeka igama lake, umhlaumbi ukunikela amapepa o Bhalo kumbali; nongati okunye asuke amangale, umhlaumbi angakataleli kupendula, okunye asuke axoke ekupenduleni, okunye axele ubuxoki okanyo enze ukuba kuxelwe ubuxoki, nongatintela nalipina igosa lo Bhalo ekwenzeni umsebenzi walo, angadliwa iponti zontlanu zemali, angati engenazo abe nokufakwa entolongweni esebenza umhlaumbi engasetanzi nzimn ixesha elingengapezulu kwenyanga, de ale uhlaulolwe kwakamsinyane.

Kweso soblwayo akaqukwa umntu oyakuti ngenxa yento azoyikolayo asuke ashiye umhlaumbi amangale ukuxela unqulo lwake, angati ukutyebisa ezo zoyikalo zaka selebhala kumqolo olungiselelwe oko welizwi eliti "Object." Kananjalo eso sohlawayo asiji kubekwa kumntu ongati ngenani lemfuyo yake engalazi ngokute nqo, asuke enze umlingeniselo nje omalunga nenyaniso.

Nalipina igosa lo Bhalo elingafika libhengezo into zo Bhalo olo liya kudliwa iponti ezintlanu (£5), liti lingenazo lifakwe entolongweni ixesha elingapezu kwenyanga.

J. W. SAUER, Umpati.Koloni.

## ISAZISO SIKA RULUMENTE.—NO. 49, 1891.

*Kwi Ofisi yo Mpatiswa Koloni, e Kapa,* 13th *January,* 1891.

U BHALO, 1891.

NGAMANDLA namagunya endiwatweswe ngezimiselo ze Siqendu sesi 6 so Mteto wo Bhalo, 1890, Umhlekazi i Ruluneli ngecebo le Bhunga Elipeteyo, uyalatisa ukuba zonke incwadi nemiqulu, nozigitshimi ngocingo ezingalo Mteto, zitunyelwe nge Posi nange ngcingo kule Koloni yase Kapa, kuqukwa nezi Bhaxa zayo, ezivela neziya ku Mpati we Koloni, kwanakuys nawupina Utnkangeli lu Bhalo no M'bali, ukuba zinopawu ngapandle oluti u " Bhalo " (Census), zotunyolwa ze de kube lusuku Iwama 31 ku December, 1891.

J. W SAUER, Umpati-Kolcni.

## ISISHUMAYELO

NGU MHLEKAZI U SIR HENRY BROUGHAM LOCH.

Owe Ntshinga ye Knight Grand Cross, yodidi olubaluleke kunene lo St. Michael no St. George, Owamatshawe adume kunene e Bath, u Ruluneli no Mpati Oyintloko we Koloni yo Mntan' Omhle yase Cape of Good Hope, e South Africa, namazwana nezibhaxa zayo, ne Sandla so Mntan' Omhle, njalo njalo.

EKUBENI ngezi Shumayelo ezingo Nos, 209 no 308, ze 18th September no 8th December 1890 ngokulandelelana, Imiteto etile yama Hlati, ebingenisiwe kumazwe ase Transkei, elase Mbo, elaba Tembu, nelaba Tembu base Rode, elama Gcaleka, elama Bomvana, ne Cweba lo Mzimvubu ; nasekubeni ngesiqendu sesi 4 salomiteto abantsundu abakulomazwe betweswe amalungelo atile, kananjalo ekubeni kufuneka ukuba amalungelo lawo abe kupela kulomahlati akulomhlaba bawumiyo : Kekaloku ke ngoko mna, Ruluneli ngamagunya endiwa. nikiweyo ndiyashumayela, ndixela, ndisazisa okokuba lomalungelo atweswe ngesiqendu sesi 4 salomiteto yama Hlati ayakuma ngolohlobo axeliweyo kulomazwe ase Trans, kei, elase Mbo, elaba Tembu, elaba Tembu base Rode, elakwa Gcaleka, elakwa Bomvana, ne Cweba lo Mzimvubu kususela kumhla wo 1st January 1891.

Kananjalo ekubeni kufanele ukuba ixabiso Lomtati, obumiselwe nge Siqendu so 3 salomiteto ukuba yi 1s ngonyawo lobude, ububanzi, nokujikeleza, litotywe maxa wambi: kaloku, ke ngoko mna, Ruluneli ndiyashumeyela, ndixela, ndisazisa okokuba eloxabiso le 1s. ngonyawo lobude, ububanzi, ukujikeleza, ngomtati, kususela ku 1st January 1891 liya kwapulwa libe yi 61., xa ngaba umtati lowo ufunwa ngabemi bezo ndawo, bewufunela ukubiya emihlabeni yabo ; kodwa kuyo yonke eminye imisebenzi kusayakuma kwala 1s. ngonyawo lobubanzi, ubude, nokujikeleza, njengoko kumiselwo kulomiteto seyikankanyiwe ngentla.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA !

Sinikwe ngesandla sam ne sincamatiselo se Koloni ye Cape of Good Hope, ngomhla we 24 December, 1890.

HENRY B. LOCH, Irulunoli.

Ngomyalelo wo Mhlekazi e Bhungeni.

No. 328, 1890,

## Isaziso sika Rulumeni—No. 1108,1890.

------o-------

*Indyebo e Kapa,*
24th *December,* 1890.

EKUBENI nge Sishumayelo, esikutshwe o Bandla e Windsor, ngo 22nd November, 1890, kumiselwe okokuba yonke imali ye golide eyenziwa ngapambi kolaulo lo Mntan' Omhle i Kumkanikazi, mayibuyiselwe, ingabi sasetyenziswa kubukumkani base Great Britain ne Ireland emva ko 23th February, 1891, nokokuba lomali yoba isenexabiso layo elizeleyo ekubuyiselweni kwayo apo yenziwa kona, kuba ingaba ayinanto ibe yonakaliswe ngayo,—kananjalo ekubeni kunqweneleka ukuba yonke imali ye golide yexesha elingapambi kwelika Fitoli, ukuba ingahambi. Kuyaziawa apa ukuba youke imali enjalo mayihlaulwe kumacebo e Standard Bank, ko Mantyi, na Bapati-Posi kuyo yonke i Koloni, abagunyaziselwe ukuyibuta bayitumele e Ngilane, ngapambi ko 28th February, 1891.

JOHN X. MERRIMAN,
' Umgcini-Ndyebo we Koloni.


## EDWARD T. JONES,

(Obefudula ekwa Attorney R.

UNGU MTETELI-MATYALA

*Umbhali we Mvumelwano, no Mguquli-magama Etaitile.*

EKOKSTAD

EAST GRIQUALAND.



## AMAYEZA

ADUME KUNENE,

JESSE SHAW (U-Nogqala)

E-BHOFOLO

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezifo enzelwa zona; ngenxa yoku kauleza ukunceda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifuno ngqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).
Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe nyoka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).
Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu ezikatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum).
Umciza ongenzi xesha ukulipilisa Izinyo.

UMFUNO 'YEZA (Herbal Tincture).
Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeta kwentloko yonke.

UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion.)
Oyena mpilisi wamehlo abulalayo.

UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).
Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, akungatandi kudla, Icesine nento ezinjalo.

UHLIKIHLA (Embrocation).
Amafuta omti okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).
Amafuta omti okupilisa ukutsha. ukutyabuka, nezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb).
Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye Inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).
Iyeza elilunge kunene kwisifo sokuba butakata, sokungatandi nto ityiwayo.

UBUGQI Magic Healer)
Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonda njalo njalo.

IGUDISA Emolientine
Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebuhle bugude ubuso.

UMQUTYANA (The Powder).
Lisetyenziswa neli kutiwa " Lelona " xa isifo sokuhamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhotilana nezitofilana ngazinye, esiti zakulandelwa ngokufezekileyo akaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esirweqe sokulumkela okungekehli.

Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisehenza ngemiciza, e Bhofolo, atengiswe nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwinkoliso yedolopu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—
*E Qonce*— Dyer & Dyer,. Malcomess & Co., D Drummond & Co.
*E Ngqamakwe*—Mrs. Savage.
*E Monti*— B. G. Lennon & Co.
*E Rini*—E. Wells.
*E Dikeni*—*R*.. Stock
*E Komani*—Mager & Marsh.
*E Bhayi*—*B*. G. Lennon & Co, *E ngqusha*—W. A. Young, E. q. Ikaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.


## ISAZISO.

U MR. R. W. ROSE-INNES, Umteteli. Ematyaleni, njalo-njalo, usawuquba umsebenzi wake kwanjengokwangapambili. Ngumninawa wake, u Mr. C. Rose-Innes, ongu Mteteli enkundleni yase Monti. E Ofisini yake e Qonce nanamhla usakunyamekele ukukangelela Imicimbi yaba Ntsundu ngononelelo lonke.

U MR. LUCAS TYALI, wase Port Alfred (Cawa) owakwa Kama ngoku. zalwa, wazisa izihlobo ukuba iqhina lomtshato nomfazi abenaye liconjululwe zi Jaji zihleli zontatu e Rini, ngetuba lorexezo lomfazi. Ngokwanela kobungqina liconjululwe ngapandle kwenkatazo. 5i28l

## WANTED,

ONE MALE and ONE FEMALE CERFICATED TEACHERS. Fingoes and members of the Wesleyan Methodist Church preferred. Apply to the Missionary, Tsomo, Fingoland. 2if28191


Incindi Epitikeziweyo

—YE—

LINSEED NE HOREHOUND.

Lolona Yeza le NKOHLOKOHLO INGQELE, nazo zonke Izikuhlane zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.

Ngamanani Nanganye kwa

P .GRAY, Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.


## SHEHE! BONISANI!!

IHASHE — yinkabi, impemvu EFOSI, itshisiwe J. M enyongeni yase kohlo, iminyaka mitandatu ubudala. llahleke o Steynsburg, 21 December, 1890. Lomtshiso ngu J. M. turned upside down. Ondila. ndisayo angatumela kuwe Mhleli nokuba kukum. Wovuzwa onjalo.

JONAS MGIJIMA.

Kamastone.

Printed for the Proprietor, J. TENGO- JABAVU, by HAY BROTHERS, Smith Street, King Williamstown,

# Unyulo Lwendlu ye Ngwevu.

IZIMVO ZIKA MR. J. M. PEACOCK.

Ku MHLELI WE "MVO"— Mnumzetu,— Njengokuba ndanikele izicelo kwizidwangube ezimele isiqingata sase Mpumalanga. ukuba ndivumo ukuba nditunywe kweli Bandla, ndaza ndavuma, kunganqweneleka ukuba izimvo zam ngendawo ' ezimandla kwa Bantsundu, ndizibhengezo ukuba umzi uhlale uzazi.

Ngentengiso yo Tywala.—Nditanda mna incitshisiwe kulolonke, nangoku ngapezulu kwingqili ezimelwe nga Bantsundu. Ngekubako umteto omisela ukuba abantu, nabawupina umandla, xa bangatandiyo ukuba kubeko pakati kwabo utywala bo Mlungu, babe negunya lokubugxota kanye.

Ngomhlaba.—Ndiwachasilile onke amacebo ajonge ugumhluta Ontsundu umhlaba amiyo kuwo, kwanokubanga ukuba axokozelelwo sisifuba ngabatunywa bakomkulu bokupicota amalungelo ake emhlabeni kungeko mfuneko.

Imiteto Yamahlati neye Bhula ndingatanda mna ilungisiwe kwindawo ezirorisayo ngohlobo lokuba yamkeleke emzini ontsundu.

Ngemfundo.—Ndihleli ndikuchopele ukuncedisa ngako konke ukuba indawo zokufundisela zixhaseke, kubeko into ezongezelelwayo kwezi zikoyo apo kubonakala imfuneko yoko.

Owenu enyanisweni,
J. M. PEACOCK.
Queenstown, 13 January, 1891.

# Abavoti base Mpumalanga.

Ngokucelwa yinto eninzi yabavoti abamhlope nabebala abemi kwesi Sitli, ndiza pambi kwenu njengofuna ukunyulelwa kwesinye sozihlalo Kwindlu yo Ngwevu, kwi Sitili sase Mpumalanga. Ndoti ngokufutsliane ndiwise izimvo zam ngezona zinto zibhekiselele kwa Bantsundu.

Ndiyatemba ukuba ixesha lifikile lokuba kufuneka Kanye ukuba abantu Abantsundu baqiniselwe ngokute nqo kwiziqitana abanazo zomhlaba, Ndityekele ekwamkeleni iqinga lokuwenza lomhlaba ufakafa, nokuba lilipina iqinga elingabenza ukuba baqonde ukuba ezo ziqitana zozabo.

Intengiso Yotywala iyinkohlakalo eyoyikekayo. Izimvo zam ngalendawo zizezibukali, kuba iyindawo yokufa nokupila. Zimbini izinto ezipambi kwetu—Siyakuhlalana sijonge ukubhujiswa kwe ntlanga ezi Ntsundu zase South Africa, okanyo siya kaligxotana eliramnowa loyikekayo liyi Brandy? Mna ndingofuna ikwelelisiwe. Kufuneka isiqingata sale Koloni senziwe Isiqibi ekungena kutengiswa tywala kuso, kanjako kufuneka burafiswe nzima ukuze lamanzi amlilo anqabo, angabi nakutengwa ngabantu. Ndiba buhlungu kakulu ndakubona irabubhiso eyenzekayo kubantu abanokwonza izinto ozizizo. Ngenxa yoluntu ndiya kuyichasa lentengiso iyintshontsho.

Okwangoku andikolwa ukuba ingaba bubulumko ukucukumisa indawo yelungelo lokuvota.

Kwizinto ze Mfundo ndingatanda ukubona Ititshala Ezintsundu zibhatalwa kakuhle, okwangoku zipantsi kwengxako ezinkulu, ingxako ekunzima ukuba zitwalwe ngumntu osekukanyeni. Ndiya kuzama ukuba kubeko uncedo olwenziwayo ukunceda lompi ingotitshala.

Njengo mfama andanelisiwo kanye kukusebenza ko Mteto we Bhula. Ngohlobo osetyenzwa ngalo ngoku uyindinisa, waye unganelisi.

Umteto wa Mahlati andinalwazi lupi ngawo, ndayo ndingekadibani nabantu abate bawufumana unzima. Ndiya kuhlala ndikuchopele ukupulapula iziroro, ndilinge ngako konke endinako ukuwisa amacebo oncedo.

Manditi pambi kokuba ndigqibe, ndazisile emhlotsheni ukuba andisayi kuxhasa nawupina u Rulumeni o Laulo lwaba Ntsundu lungasekwanga ebulungiseni.

Owenu Ngenyaniso,
WILLIAM ROGERS.
Glencairn, January 19, 1891.

# Ivoti ye Bandla Elipezulu.

Izimvo zika Mr. Bradfield azivakalise kwabo bamcelileyo :

Ku T. E. Turvey, Esq., Rev. H. H. Dugmoro, Charles Mallett, Esq., namanye amanene abhale incwadi yokundicela (Requisition).

MANENE,—Mandinibulele ngembeko enindinike yona ngokundicela ukuba ndibe selugqatsweni lwabaza kumela Isiqingata sase Mpumalanga kunyulo Lwendlu ye Ngwevu, endinovuyo olukulu ekuyamkeleni.

Ekubeni ndingokulele e Mpumalanga, nokwam konke kukweli, ndiyatemba ukuba ndingatsho ngomlomo ozeleyo ukuti konke enikusweleyo ndiyakwazi.

Eyona nto ibalulekileyo ngoku ye Ngokwandiswa ko Loliwe; isenzo sika Rulumeni esimalunga ne Bethuli e Extension sesokubulelwa kunene, saye siya kubangela ukuba Icweba lase Monti nalo libe nesabelo esilifaneleyo kwibhizinisi yelipezulu.

Sekuyiminyaka imigudu yam yonke ndiyibhekiselele ekubeni kubeko isebe lika Loliwe elidibanisa oweli Pakati nowelase Maxhoseni, kwanesebe eliya e Ndwe. Ndiyatemba ukuba ezindawo ziya kusebenzela iluugelo nenqubela-pambili yo Koloni.

I Koloni ifanele ukuzidla ngokuquba kwayo okubalulekileyo Emfundweni, ngokukodwa kwiminyaka esand' ukugqita ; eyona ngxako inkulu yeyokuba amalungelo emfundo asondezwe kubantu abemi ngapandle, ke kwangeniswa umteto wokukwelelisa ezingxako uyakuxaswa ngokushushu ndim.

Ikoloni kumaxesha adluleyo ike yasebunzimeni ngenxa yemfazwe nabantsundu, ekungeko matanda ukuba ngamanye amaxesha zibangwa yimpato engeyiyo yobulumko. Ndiyatemba ukuba asisayi kubuye sibe nazo ezizipitipiti; ukuzitoba, nomoya omhle ohoyo ngoku ubufanele ukukutazwa ngokunika abebala iziqiniselo emhlabeui. Kananjalo bebefanele ukukuselwa kwimbubhiso yoselo olunamandla—kutywala obungarafiswayo.

Ndinibulela ngokutembisa ukundixasa, ndiyakulinga, ukuba ndinyuliwe, ngako konke endinako ukuba ndikufanele ukutenjwa kwam.

Ndinembeko yokuba, Manene,
Sisicaka senu esitozamileyo,
J. L. BRADFIELD.
Dordrecht,12th January, 1891.


ODDFELLOW'S HALL.

I AFRICAN CHOIR,

INCEDISWA NGO
MR. W. E. LETTY ... - Tenor.
„ J. H. BALMER .... Bass.
IYA KUNIKA

IMVUMO ENKULU!

NGOBUSUKU OBUTATU
E KING WILLIAMS TOWN
AMACULO ABANTSUNDU,
DUETTS,
QUARTETTES,
CHORUSES.

AMANANI 4/-, 3/-, 2/-.

KOKSTAD ADVERTISEMENTS.
V. DOLD AND CO.,
E KOKSTAD,
BATENGA yonke into NGEMPAHLA nange CASH.
Banempahla eninzi, enoncedo, e TSHIPU.
Pambi kokuba utenge kwezinye indawo a wuye kuvela kwa
V. DOLD & CO.
Abatenga nge CASH bayapulelwa kakuhle.


*U MANYANO NGE MFUNDO.*

LUYAKUBA se Xukwane, kwesika Mayi, ngomhla wa 31 ku MARCH, 1891- Ayacelwa onke amalungu o Manyano ukuze abeko, aze selezilungisile ingxoxo zawo.

W. K. NTSIKANA,
President of the N.E A.

2ifrl2

## Iveki.

IPEPA lase Nyara linamatemba amakulu ukuba anokufunyanwa amalahle kwi fama ka Mr. Mapham eyi Glengregor e Qohi, Licela u Rulumeni ukuba atumele ingqondi iyokukangela.

BAYE balika e England ngo 2 February o Sir Henry Loch no Hon. Cecil Rhodes oko bebenjenjeya ngomkombe oyi Drummond Castle.

KUKO indodana ebihamba ibonisa e Rini ngenkawu emhlope ebanjwe kwi ntili ze Qora,

IPAKATI lombuso wase Amerika, u Hon. William Windom lipume umpefumlo ngeveki egqitileyo xa kudweliweyo esidlweni esibalulekileyo sabanumzana.

UMHLABA WO Rulumeni wase Koloni okwelama Betshwana ulunge Entshonalanga. Ikomityi engo Mr. Botha no Mr. Warren iti uyakulungela ukufuya inkomo. Kambe lomhlaba uyinxenye ye ntlaulo kuba u Rulumeni wase Kapa ake ululiwe kwelo la Bahlambeli.

NGO Mgqibelo (7 February) ukumka komhla oko laliduduma, umbane ubete inkomo zambini, ecaleni kobuhlanti kwa Maselana e Mtyolo, kodwa inkomo ezo zezika Madilikwana.

AMEHLO omzi acelwa ukuba ake abhekiswe kwisishumayelo sika Rulumeni kwimihlati esakuba yeyako kwi Mvo zanamhla, uqondisise izimiselo ezingokubalwa kwabantu nento zonke abanazo ekutwaseni ko April. Olubalo luyenziwa kumazwo onke apantsi kokupata kwe Nkosazana u Victoria, kutabata kwelama Bhiritani kuse kwamgama.

KUTIWA akuko bunyaniso kwinteto ebivakele kumapepa ase Bhai ukuba u Sir Thomas Upington uzakuba yi Jaji e Kimberley esikundleni sika Mr. Justice Cole oza kupuma.

UBIVFO lwegusha kutiwa luko lwafun' ukuti lwande e Cala ngoziveki zigqitileyo.

UMBHALELI usilumela oludaba: — Inxwaleko eyenziwe kukuzala komlambo e Gqolongci, ngomhla we 3rd February kumko inqwelo yase Mgwali ka Smith Gqeba, ilayishe 70001bs impahla yevenkile ka Mr. F. Egelhof, wase Mgwali. Vemka kwapela, kwasinda inkabi zodwa. Kwangalomini kumke ipolisa lohlanga iwetu ne Gqolongci liwela; inanamhla, lafa kwapela. Yazala imilainbo ngokungazanga izale ngako sabakoyo nje kweli lizwe, ingaba yagqibela ngo Nongqause.

UMBONISO wezilimo nemfuyo wase Ngqushwa uyakuba ngolwesi Tatu lwengapaya (25 February).

U MR. RHODES uke waba nengxoxo no Lord Salisbury, ipakati eli Kulu le Nkosazana ngemicimbi yo Komponi kwelipezulu.

UMHLEKAZI Iruluneli yase Natal iyalele abamhlope bakona okokuba ilizwe lakwa Zulu alinakuvulelwa abemi abamhlope ukuba bazuze ifama kulo. Huntshu!

UMFO abati ngu Wentzel Wilemso e Bhai, uhlabe intombazana engu Susannah Uithalder wapos'enzaleni. Usematyaleni, ulinde i Jaji.

E BELLAIRS (Natal) ute omnye wabemi balomzana wamana ebelwa iziqamo zake. Ude walalela, ngenxa yalonkatazo, wadubula i Kuli elibe lisicaka sake.

USUKU lwevoti lolwesi Bini, 3 March, kulo lonke.

UM-TSHAYINA ute enxilile e Johannesburg, akuqubisana nomntu wapos' enzaleni, kowesibini wamkup'amatumbu, owesitatu wapants'ukumnqumla umqala. Hai le Kwepila !

UMR. MCADOO (Jubilee Singers) utshatiswe e Johannesburg ngu Rev. J. T. Darragh no Miss Mattie Allan enye ye imvumikazi ze Jubilee.

U MR. GEO. VICE wase Molteno, uzimisele ukwenza ululiwe obeka emalahleni ase Stormberg ngomhla weshumi kule nyanga. Amanene akona akumenzela idinala ngalomhla.

INTWANAZANA ebitanda kuneno ubutongo ite ngamhla utile yemka yaya kuwaka; yawiswa butongo endleleni. Kufunwe, kwafunwa ngabazali bayo, bayifumane selifile endleni. Kanti ilunywe lilulwane. Oku kwenzeke e Chicago.

1 POST KARi ohamba pakati kwe Heilbrou no Kroonstad imke nomlambo oyi Rhenoster. Kumke amahashe amabini, kwasinda ingxowa zonke kwane nkwenkwana ebingumhambi ngoncedo Iuka Mr. Vermuelen.

KWANGOKUNJALO nangase Tinara, i Nqweba lito lizele kwabonwa i kari inamahashe amabini nonmtu omhlope yonke lonto isunka nomlambo, ekungaziwayo ukuba ngubanina. Yonkeke lonto iye kweyela elwandle nomsinga.

E MARITZBURG kutiwa ate amanenekazi nelinye inene elimhlope, kwanabantsundu bakona, xa bebowela e Rorkes' Drift ngonqwelana bemka nomlambo.

WONKE umxhasi we Mvo ubefanele ukufumana i Almanaka vonyaka nelanamhla ipepa.

U GENERAL JOUBERT utike ngo Mgqibclo ogqitileyo o Pretoria ukuvela kuhambelo lwako olude e Amerika naso Yuropu, wamkolwa zizihlwele.

INKOSANA zakwa Zulu ezingo Betyana no Somopo bagwotyelwe ngu Col. Cardew ne mantyi ezimbini 3 ne 2 iminyaka ngokulandelelana ngento ezenziwe ngabo ngesipitipiti sika 1888.

UMNTWANA womlungu utsho wafa o Durban ngo Mgqibelo ogqitibyo, ngokuti apalazelwe ngamanzi ka qolwane ashushu awutule esetafileni nge ketile.

I SYNOD yasa Tshatshi edibene e Kapa ibisingete ngolwesi Hlanu umcimbi wokwaka isikolo sokufundisela ubafundisi beli lonke. Livunyiwa icebo elo kwalinganisolwa ukuba ingase Rini.

## IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-NE, FEB. 12, 1891.

*INTETO YOKUBONGOZA.*

NJENGOHLELI aluse amalungelo abantsundu kwezombuso izinto ndizifumana ndinyanzelekile ngelixesha lo Nyulo, ukuba ndicele ingqondo zamawetu ngendlela ebalulekileyo, ndizicelela ukuba ziqonde into ekungayo Kwezolaulo eli lixesha elibaluleke kunene. Kumiswa ngevoti Inkundla ye Komkulu lase Kapa eyona imiselwe ukuhluza imiteto esakuba igqitywe li Bandla lokuqala ngapambi kokuba iqiniselwe yi Nkosazana okanye ngasendaweni yayo.

1. Ngesiko lichitiwe Ibandla le Ngwevu. Limiselwa isixenxe seminyaka. Limiselwa kwakona ukwenzela ukuba umzi ubonise otanda kona esikweni, ngokutuma amadoda okolwa ngawo notemba wona ukuya kuwapatela imiteto e Bandla ngominyaka esixenxe ezayo.

2. Ukuma kwayo lenkundla iqingqelwe amapakati amashumi mabini anamadoda mabini, ekutiwa mawamiswe ke ngabo bonke abantu abamagama ekwangenisw'ayo encwadini yezimamhlaba zendawo ngendawo ekutiwa yeya Bavoti.

3. Ukumelwa komzi kule nkundla kulungiselelwe ngalendlela:—

(a) Ikoloni yenziwe amabala asixenxe abanzi kunene ; elesibhozo lelase Kimberley.

(6) Ilibala elo labelwe ukuba litume amadoda amatatu e Bandla ; ngapandle kwelase Kimberley elimiselwe ummeli omnye.

(c) Kwanjengokuba linjalo inani lamadoda amakutunywe libala ngalinye, umntu emnye ogama lise mqulwini wabavoti, unikwo *ivoti ezintatu;* anokuti, ngokubona kwake into elilungelo lake embusweni, azinike umntu omnye zontatu ezovoti; mhlaimbi azabele babini; mhlaimbi batatu anga bangaya kwezo zihlalo zitatu labelwe zona ibala e Bandla.

4. Kumabala asixenxe ewabelwe izihlalo e Palamente, anabavoti beletu ibala ngala :—

1) *Lelase Mpumalanga.* Elibala libandakanye eziziqingata : —i Qonce, i Monti, i Qumra, Cumakala, Daliwe, Komani, Tarkastad, Glen Grey, Dodoloro, Barkly East, Aliwal North, Herschel, Imimandla eyonganyelwe yi Mantyi Enkulu yase Kokstad; ne Mantyi Enkulu yase Mtata, no Mantyi Enkulu yase Ntlambe.

(2) *Amandla e Mpumalanga.* Esi siqika Iziqingata ze Bhofolo, Adelaide, Bedford, Somerset, Cradock, Middelburg, Steynsburg, Burghersdorp, ne Colesberg, kunye nama Hanover nama Philipstown.

3) *Amazantsi e Mpumalanga* Wona akiwe ngezitili ze Dike ne Ngqushwa, Irini nama Batisi, Iminyama i Tinara, i Bhai, i Humansdorp, ne Jansenville.

5. Ke kuyahlutwana ngezi zihlalo ; ngokusuka kuti kanti inxenye yomzi itanda um'buso upetwe ngale ndlela—kuqutywe lamasiko —kanti omnye awuboni kulunga kulondlela yabanye; uzamele amadoda abonwa nguwo. Make silinganisele ngo Mcimbi omkulu we mbubhiso Yotywala. Ama Bhulu nabaxelenga ngokutengisa utywala, bafuna inkundla izaliswe ngamadoda ayakumela ukuba buchume buvuleleke utywala; elixa abanye benga intengiso yabo ingapeliswa, kulaule ukuzola nengqondo eluutwini lonke. Ukuze akufeze lamahlelo mabini akufunayo, mawati ngoku limiswayo Ibandla elimisa Imiteto, ilelo lipelelisele amandla alo ukungenisa ngobuninzi bevoti, inani elikulu lamadoda aya kupakamisela elocala izandla xa kwenziwa umteto wotywala.

6. Yiyo lonto ke namhla ama Bhulu azamela ukungenisa ishumi lamadoda linamadoda asixenxe kwelo Bandla kutiwa lele Ngwevu. Kukuba engxamele ukuba lize libe leliya kumisa imiteto etandwa ngawo, ingemi angayitandiyo. Zaye into zamalungelo etu Emhlabeni Evotini ziya kusingatwa leli Bandla.

7. Ndiyavuta lulangazelelo ukunga wonke umntu wakowetu (ngakumbi ongumvoti) angabuqonda mhlope ubukulu obongamileyo bento ekungayo. Ndinga kanjalo umzi wakowetu awungenikele indlebe zawo kubahendi abazenza abahlobo babantsundu bumini kanti kukuba besekeleze ukutenga ubom nobuzibulo babo ngokungekwazi. Siteta abantu abazamela ukungenisa amadoda okutanda kwabo ngevoti zamawetu amadoda angasakuzikataza ngontsundu.

8. Kodwa uyakuba ubufezile ubulumko umzi wakowetu, ute wazamela lamanene kwiziqingata okuzo :—

*Kwe Lipakati* elilunge o Rafu u Rev. Dr. KOTZE.

*Emazantsi e Mpumalanga,* uzamele isitatu o WILMOT, no BRISTER no DOLLEY.

*Emantla - Empumalanga* u Sir HENRY STOCKENSTROM yedwa. Zingene kuye zontatu.

*Empumalanga* amanene amatatu ango Messrs, PEACOCK, BRADFIELD, no ROGERS.

9. Uluvo lwala manene lutabate olo siwazi ebambe lona amawetu entweni zonke zokupatwa ko Mbuso.

10. Usuku lwevoti lolwesi BINI, 3 MARCH; amakati umvoti ngamnye aye kwindawo ekumiselwe ukuba zingeniswe kuzo ivoti, eyona ikufupi nendawo akuyo, akankanye lamanene odwa angazidubi ngawambi. Kuba ike yanikwa omnye azisokusisebenzela nto ivoti zetu.

11. Lamanene siteta ngawo akhetwe kwamanye ngentelekelelo ne ngqondo eyendeleyo ngapezu kokupika noluvo alutyile ngoku kufunwa ivoti; kuba oluluvo lukolisa ngokuxelwa lomini kufunwa ivoti; luluvo oluti ngamanye amaxesha lunganqhinelani nesimilo somninilo esaziwayo.

12. Kumabala ekubonakala njengelase Zantsi nelase Mpumalanga sizamela amadoda amatatu, kuko icebo esililungiselelayo ukuba yabiwo impi, njengase mfazweni, uti umzi otile umiselwe indoda enye kula matatu siwazomalayo ukuba uzifake kuyo zontatu, ube omnye okwalelo nani, uzifake kwenye indoda; ngokunjalo nangeyesitatu. Eli cebo liyakuncipisela umzi inkatazo yokulahlekwa ngamagama abona bantu unga bangatunywa.

13. Mayihlale pezu kwesirweqe ko yonke impi ebavoti ' Ngolusuku lwenkatazo nofayo maze atwalwe ngenqwelo, kuba ndikangele soyirelelene ngamarwana inyateleni ngobhontsi. Umntu omnye okotamileyo angati kanti uyakuwuhlisela inkatazo ezibuhlungu umzi upela. Ama Bhulu ako, aye ekalipile. Ungadakumba, ugwale na owakowetu umzi xa kunjalo? Ze nipume nangemvula lomini ukulwela amalungelo entlalo yenu, ezindlu zenu, ??? yenu.

Owenu umkonzi,
J. TENGO-JABAVU.

## *U MR. BRADFIELD.*

NGETUBA lokuba engalutyilanga mhlope uluvo lwake kwimicimbi Yabantsundu sifumana ukuba kuko abatile kumawetu abafun' ukuti bangabi nabo ubushushu ngaye obunjengokuba benabo ngo Mr. PEACOCK no Mr. ROGERS. Masiwulungise umzi kwelituba, kuba uposisa. Eyona nto ingamandla kulemicimbi yomelo asikuko ukutyila uluvo ngomhla wogqatso; kuba nesigebenga, ukuba asaziwa, singafika senze amatyeba enteto emyoli; ekungebe bubulumko ukusitemba ukuba sipate umzi wako ngalonteto yaso ibusi. Hai. Nokuba indoda ilwaneke ngabuhlungu, nokuba kungapolileyo na, tina bantu bakade bezisingete ezizinto zevoti, asaneliswa side sibesinento esiyaziyo ngenqubo engapambili yendoda esazeke isondezwe pambi komzi ukuba inyulwe, engati yakutelekiswa noluvo elutyilayo ifike ingqinelane nezenzo ezingakankanywayo zangapambili. Ngoko ke asingabo abaxhasi bo Mr. PEACOCK namhla no Mr. ROGERS ngenxa yezimvo abazityile ngobuciko ngalomnyhadala, koko kukuba sibazi kwangeziganeko zenx' engapambili ukuba bangaba nokutenjwa siti xa batyila izimvo ezintle ngamawetu. Kungoko ke ate noko u Mr. BRADFIELD akangena kakulu kwinto ngezinto ezisekelezwe siti embusweni safika noko samamkelela kwisitatu esifanele ukuxhaswa ngamawetu ngobushushu obungengapantsi kwesamkele ngabo amanye amanene amabini akankanywa kunye nawo.

Iziganeko zika Mr. BRADFIELD ziya kukolisa ukwaziwa nga Batembu. Pakati kwabo ungomnye ogama linobuqholo obumnandi; saye nati njengabaluse ukuhamba kwemicimbi singenanto singafika siti ubengafanelwe kutandwa lumelwane lwake oluntsundu ngayo.

Ubugqibe ukububonakalisa ubuhlobo bake u Mr. BRADFIELD oko wabelilungu le Komityi yokulungiselela ukumiwa komhlaba wa Batembu abapesheya kwe Ndwe. Kunye nento ka IRVINE neka HUMMING bawamela amalungelo omsi ontsundu xa ayehlutwa mpela ngamabhulu ka FANKASI (VAN GASS). U kuba u Rulumeni angati ngexesha lokungaqondi amise o Messrs. JANSE VAN RENSBURG no BEKKER ukongezelela inani le Komityi ngekwapumelela amacebo amaninzi amahle e Komityi yokuqala. Siti sakukumbula. ukuba kungenxa yokumela kwake abantsundu awalahlekwa sisihlalo sake e Palamente sase Dordrecht, sizive simelwe kumlwela kule voti ngamandla esinawo epelu. Kukwako nesinye isizatu. U Mr. BRADFIELD uyalezwa bukali ukuba anyulwe ngowongamelo ihlelo e Palamente esijonge ukubuzelwa lilo. U Mr. SAUER uselewuvakalise futi umnqweno wake ukuba u Mr. BRADFIELD abe ngomnye wabaya kungena. Ezi zizizatu ezingena kunyatelwa pantsi kwenyawo ngumzi, esimyalezayo ke u Mr. BRADFIELD kwindawo eshushu kubanyuli base Mpumalanga.

*ABAPICOTI BE MFUNDO.*

Ukuhlangabeza idinga awayelenze u Rulumeni ukwahlukana kwe Palamente, kumiswe lamanene amagama alandelayo ukukangela amacebo angagqitiselayo ukuqubela pambili imfundo kweli lizwe : —Sir J. D. Barry, Umongameli; amanye amalungu ngo Very Rev. Dean Holmes wase Rini, Dr. Berry wase Komani, Mr. A. N. Rowan Umhloli-Zikolo, Rev. A. Morrees wase Richmond, Rev. Mr. Coetzee wase Burghersdorp, uo Mr. Theron, M.L.A.

## U MR. SAUER.

Ngocingo olufike izolo (11 February) u Mr. Saner uvakaliso ukuba akakabi nakulumisa nqo usuku lwentlangano na Bantsundu abalunge e Qonce. Wobuya aluxele.

Wm. A. Hampson & Co.

(ecaleni ko C. Fredericks)

BATENGISA:-

I Pure Dop Brandy 1'3
I F.O. Brandy ... 19
I Old Montague ... 2/
QONDA.—Zonke ezi ziselo zitengiswa nge bhotile.

# Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION)

*Native Medium for the Publication of Govern went Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.*

W. A, Hampson & Co.

(ecaleni ko C. Fredericks).

ABATENGISI NGE

BOTILE,

BATENGISA I

PURE DOP BRANDY
1/3 nge Botile.

IXABISO 3d.] KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, FEBRUARY 12, 1891 [No. 328

QUEEN'S TOWN ADVERTISEMENTS.

## UMGUBO WE DIPU YE GUSHA OMTSHA.

Ingatinina ukuzingenisa emngcipekweni Dipu ezine Tyefu ? Akuko mfuneko.

UQINISELWE NGENCWADI ZAKOMKULU, 1890.




## Umgubo we Dipu Ongenatyefu,

*UTSHABALALISA IBHULA NEZINYE IZILWANYANA*

Ezigusheni, ezinkomeni, cmahasheni, ezibhokweni, ezinjeni, ezintakeni zasekaya, njalo-njalo.

Ulelona yeza le Bhula.
Utshabalalisa zonke izilwanyana kuyo yonke into Ehambayo.
Usindisa kwi mbuzane zentlobo zonke.
Upilisa zonke izilonda namanxeba.
Uhlumisa uboya kakuhle.
Ulungisa kakuhle ngapandle kwengozi.

*Awunayo kanye ingozi nomonakalo obangtoa kuhlamla ngamayeza anetyefu.*

AWUNANGOZI KANYE. AWUNATYEFU KANYE.

GQALA.—Awunangozi kumntu nakwi ramncwa ; ukuba kune imvula emva kokuhlanjwa, okanye kokusetyenziswa kwawo, akuko tyefu ingawela emadlelweni.

Ukwiziquma za 20 e gallons zamanzi kwi Gusha ezi 25.

## McDougall Bros.

LONDON: 10, MARK LANE.
NEW YORK, MELBOURNE
AND BUENOS AYRES

## PEACOCK BROS, and WEIR,

KING WILLIAMSTOWN.

*Unokutengwa nakuyipina Ivenkile yelase Maxhoseni nase Mbo.*

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENTS.

## DYER AND DYER

KING WILLIAMSTOWN.

## IMPAHLA EZINTSHA,

(Ngo Stemelo bonke).

| | | |
|---|---|---|
| Ibhulukwe | samadoda ze Flannel emhlope ziqalela kwi 7s. 6d. nge par. | |
| Ibhatyi | Zelanga zelinene | 7s. inye. |
| Ibhulukwe | | 5s. nge par. |
| Ibhatyi | Zehlobo zo Holland | 4s. 6d. inye. |
| Ihempe | zeTennis | 2s. inye. |
| Ihempe | Ezimhlope | 3s. inye. |
| Ihempe | Zokusebenza | [illegible] |

IMINQWAZI YOBOYA, IMINQWAZI YE STROYI, IMINQWAZI YE STOFU,—Intlobo-ntlobo—yamanani onke.

Zonke intlobo zengubo Zamakwenkwe, Zabafana, nezama doda.
Ibhulukwe zekodi ezisikiweyo ziqalela kwi 6/6 ngo par.
Impahla Entsha, Amapini, Ibhola, no Net zo Tennis ezi sand' ukwamkelwa.

IBATI, IBHOLA, IZINTI EZONA ZITSHIPU E KOLONI,—ZININZI ZENZIWE NGABONA BENZI.

*GQALA.—I Club nitengiselwa nyamanani elunyelo.*

Isuti zamadoda ezisikiweyo ziqalela ku 50s.

(Iziziba nento zokuzimejela, zinikwa ngesisa kozifunayo).

Intlobo ezihleliweyo zokucitshwa, ze Zitofu, ze Diagonal, ze Serj, Zezitofu ezitofotofo, ze Kodi. umsebenzi, uhlobo, kwanokummila umntu — Kungabekelwana ngako.

## IVENKILE ETSHIPU E KOLONI

# DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

f2810

## Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

## BOURKE no MARSH,

E Nyutawini nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcantcatweni.

KING WILLIAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

# Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Ivenkile YE MPAHLA EZIBUHLUNGU NGAMAXABISO ANGATSHIPU.

ITYALI—Zintle kodwa ziyalahlwa, ziqala kweze 4/6 to £2 inye.
I PRINTI ezi " best " ezihlanjwayo 6d. yard.
Edluliseleyo itshipu i Satin Emhlope ne Cream i Muslin yokunxiba enemigca 4 ½ d. yard.
I Satin Ezimhlope nezi Cream, 10d., 1/-, 1/6 nge yard.
Ingubo Zabatshakazi ezenziwa nge zintsha ifashini.
Iflawa Zabatshakazi. Izigubungelo Zabatshakazi.
Ingubo Zokutshata Zamadoda, Izitofu zokwenza Ibhulukwe Zokutshata Ziyasikwa.
Ibhatyi Ezimnyama ezi "best" Zetwidi.

*Yizani kuzibonela ezimpahla ngokwenu. Ngapambi kokuba nitenge napina yiyani ko*

## BEAUCHAMP, BOOTH & CO.

E-QONCE, KINGWILLIAMSTOWN.

AMAFANDESI KA J. D. ELLIS.

UMTETELI-FANDESI u ELLIS utengisa o Qonce yonke imihla emva kwe Malike yakusasa—ngo Mgqibelo kuhlala kuko Impahla yokufaya etengisayo.

Amafandesi ake Empahla Ehambayo abako

E-MTONJENI, KEI ROAD ngolwesi-TATU lwesibini ezinyanga zonke.
E-TOLENI (DOHNE) E CUMAKALA ngolwesi-TATU lwesine zonke inyanga.

Kuyo yomibini lemisito Abatengayo banokufumana Igusha no Nkomo.

Bonke abozisa impahla yabo kuyo ukuba ayitengise bangahlala besazi ukuba baya kufumana awona maxabiso alungileyo.

Kobhalelayo : J. D. ELLIS, Auctioneer,
Kingwilliamstown.

LADY FRERE ADVERTISEMENTS.

## J. W. GARRETT & CO.,

LADY FRERE,

## IZITORA EZITSHIPU

Ingubo Zamaledi, Iswekile Nekofu, nento zalowomkondo, Izihlangu, Ingubo Zamadoda, Isali- nempahla yalowomkondo, Ubugoxo bento ezifunwa nangumzi Obomvu.

*Kunikwa amaxabiso angapezulu ngo BOYA, IZIKUMBU, UKUTYA, ne MPAHLA EHAMBAYO.*

# IFANDESI LE MPAHLA

## Kwa PASCOE (Folokoco).

Lifandesi Lentsuku ezi 11. kupela.

Liqala ngo MGQIBELO, 31 JANUARY, Lipela ngo MGQIBELO, 14 FEBRUARY.

Akuko nto ingayi kucitwa :

Ityali, i Printi, Iqiya, Ikaliko, Ilinzi, ne Kwiliti.

KANJAQO:

## IMPAHLA ZAMADODA:

IKODI, IBHULUKWE (Onzonza), IZIHLANGU (Ezizitende zide). Ngendlela emfutshane, —Into Yonke.

Abantu basemzini abangaba abayazi levenkile mababuze

## Indlu ene Kati Ezidanisayo.

Ningalibali:--- U PASCOE (kwa Folokoco) ngezantsi kwe Tyalike yo Zikotshi e Qonce, apo nombona kona I SALUFU.

KING WILLIAMS TOWN ADVERTISEMENT.



LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,



SINGENISE KWELILIZWE

# IBLANKETE ZOBOYA

*EZIBLUKWE NGOBUGCISA OBUBODWA, Igama lazo yi ' ' EXTRA NAVY or MATTROSS."*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibo ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamelo lonteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETS ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU.
IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkile enitenga kuzo-ke bizini

Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke.

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

## PEACOCK BROS. and WEIR.

E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama.

GRAHAMSTOWN ADVERTISEMENTS.

## E- RINI.

Sineyona mpahla ininzi, nentle esi Xekweni apa.

## ONKE AMAGUMBI ANEMPAHLA EKETIWEYO.

Ezona Printi zintle 4 ½ d ne 6d nge yadi. I Galatiya 6d ngeyadi. Ikeleko Emhlope ne Brown, iqalela kwi 2 ½ d nge yadi. Iflanele 3 ¾ d nge yadi. Ilinzi 4 ½ d ngeyadi. I Sunshades 1s inye. Ikwiliti 2s 11d inye. Itawuli 3d inye. I Cretomcs 2 ¾ d nge yadi.

## IMPAHLA. YAMADODA,

YONKE IYELUNGILEYO :

IBHULUKWE ZEKODI ziqalela kwi 4s 6d inye.
IBHATYI ZEKODI ziqalela kwi 10s 6d inye.
ISUTI ZETWIDI ziqalela kwi 14s 9d.
IHEMPE ZOKUSEBENZA ziqalela kwi 1s.
IHEMPE EZIMHLOPE 2s 11d.
IMINQWAZI iqalela kwi 2s 6d.
1KAUSI ziqalela kwi 4 ½ d ngo pair.

# INDLU YAMANENEKAZI

*Yonke Impahla yabaza Kutshata iko.*

Ilokwe Esezitungiwe, nabo bonke Ubuqheleqhele bamankazana, bunokwenziwa ngexesha elifupi.

## JOHN W. BAYES & CO.,

Kwi Kona ye Bathurst Street ne Church Square,

GRAHAMSTOWN

## Kubo Bonke Abalesa 'Imvo.' fll290

BANGABA banceda kwa Ipepa lendaba labo abantu bakowetu ukuti, xa basukuba banento abafuna uku zitenga, bavelele, ngangoko banako, kuzo zonke indawo Ivenkile ezimpahla ihlokonyiswe ngezaziso kwi " Mvo." Kungalilungelo nakubo bongayifihlanga lonto kubanini venkile.